



# Ikumkani Ukayanja Nentwazana Yakhe King Kayanja and his daughter



 Amana Yunus  
 Natalie Propa  
 Xolisa Guzula  
 Xhosa / English  
 Level 4



# Storybooks South Africa

[global-asp.github.io/storybooks-southafrica](https://global-asp.github.io/storybooks-southafrica)

Ikumkani Ukayanja Nentwazana Yakhe /

King Kayanja and his daughter

Written by: Amana Yunus

Illustrated by: Natalie Propa

Translated by: Xolisa Guzula (xh)

This story originates from the African Storybook ([africanstorybook.org](https://africanstorybook.org)) and is brought to you by Storybooks South Africa in an effort to provide children's stories in South Africa's many languages.



This work is licensed under a Creative Commons

[Attribution 3.0 International License](https://creativecommons.org/licenses/by/3.0).

<https://creativecommons.org/licenses/by/3.0>



Kudala-dala kwaye kukho ikumkani egama layo linguKayanja. Yayihlala ebhotwe kunye nekumkanikazi nentombi yabo, unkosazana, Apenyo. U-Apenyo wayeyinkosazana entle, kangangokuba onke amadoda ayefuna ukumtshata. Kodwa ukumkani uKayanja wayefuna ilobola exabisa kakhulu ngentombi yakhe.

...

Long, long ago there was a king called Kayanja. He lived in a palace with the queen and their daughter, princess Apenyo. Princess Apenyo was such a beautiful young woman that every man wanted to marry her. But king Kayanja demanded a very high bride price for the princess.

Near King Kayanja's palace lived a chief called Aludah the Great. He was called "the Great" because everybody in the neighbourhood obeyed him. (He was very violent to anyone who disobeyed him!) Chief Aludah's wife had recently died of malaria and he wanted another wife.

...

Kufutshane nebotwe lekumkan! ukayanja kwakuhlala inkosi eyayisaziwa ngokuba ngu-Aludah Omkhulu. kwakusithiwa, 'Omkhulu' ngoba bonke abantu belali babemhlonipha. Wayendlongondlongo kakhulu kubantu ababengamhloneli. Inkosikazi yeNkosi u-Aludah yayisandula kubhubha sifto semaliyaya, ngoko u-Aludah wayefuna ukuthatha enye inkosikazi.





Ngoko inkosi endala etyebileyo yaya kukumkani uKayanja iyokunikezela ngelobola yayo enkulu kuze itshate inkosazana encinane. Athi xa amadoda amakhulu exovula umba welobola kwathi kanti uyaweva uKakembo, owayengumsebenzi ebhotwe. Umsebenzi uKakembo wayehlobene kakhulu nenkosazana u-Apenyo.

...

So the fat old chief went to king Kayanja to offer bride wealth for the young princess. While the two men were discussing the price, the maid Kakembo overheard their conversation. Maid Kakembo was very close to princess Apenyo.



Umoya omkhulu owawuvuthuza wasisa ngapha nangapha isikhephe waze uKategga wasokola ukusilawula. IKumkani uKayanja yakwaza: "Apenyo, ndicela ubuye! Ndikuxolele, kwaye andisokuze ndinohlwaye wena noTrevor." Kodwa kwakusele kusemva kwesithonga. Isikhephe saphequka baze abantu ababekuso baphoseka emanzini. Bobathathu barhaxwa ngamanzi. Ukususela loo mini yentlekele, wonke umntu kwisizwe sikaKumkani uKayanja wakhululeka ukuba atshate naye nabani na amfunayo, nokuba usisityebi okanye ulihlwempu na.

...

Heavy winds rocked the boat and Kategga could no longer control it. King Kayanja shouted: "Apenyo, please come back! I have forgiven you and will never punish you or Trevor." But it was too late. The boat tipped over and the three people were thrown into the wild water. They all drowned. After that day, everyone in king Kayanja's kingdom could marry anyone they wanted, rich or poor.



Inkosi yavuma ukunika ihafu yobutyebi bayo kukumkani ukanyja, obuquka inaliti eyayiyinxalenye yelobola. kwenziwa amalungiselelo abucala omtshato phakathi kwenkosi u-Aludah kunye nenkosazana u-Apenyo. Ikumkani yayisazi ukuba intombi yayo ayisokuze isithande esi sigqibo.

...

Chief Aludah agreed to give half of his wealth to king Kayanja, including a needle, which was also part of the wedding between chief Aludah and princess Apenyo. The king knew that his daughter would not be happy with this decision.



Ukategga watsalela isikhophe sakhe ngasenyeleni yomlambo waze wabaxelela ukuba bangene. Waqalisa ukubhexa. Batha xa ukumkani ukanyanja nenkosi u-Aludah befika enyeleni yomlambo, bababona aba bathathu esikhopheni. Babona ukuba izithandani zesabile.

...

Kategga pulled the boat near the bank and told them to get in. He then picked his oars and began rowing. When king Kayanja and chief Aludah reached the bank, they saw the three people in the boat. They realised that the young lovers had escaped.



Kuthe sele kusele iveki enye kuphela phambi kokuba ifike imini yomtshato, uKakembo waya kuthetha noApenyo, wathi, “Nkosazana yami ethandekayo, utata wakho ucwangcisa umtshato wakho nenkosi u-Aludah, kwaye uza kwenzeka kwiveki ezayo.”

...

One week before the royal wedding day, maid Kakembo approached Apenyo. “My dear princess, your father has organised your wedding with Chief Aludah, and it will take place in one week,” said Kakembo.



UTrevor waqhubekeka wachazela uKategga isizathu sokufuna kwabo ukuwela umlambo. Wasuka wafaka isandla sakhe epokothweni wakhupha imali wayinika uKategga. Wathi akuyiva imeko yabo uKategga, ebona nemali ebengezelayo, wavelana nabo. Wavuma ukubawelisa umlambo nangona izulu lalizongoma.

...

Trevor insisted and explained to Kategga why they must cross. He then put his hand deep in his pocket and took out a cowrie shell to give to Kategga. When Kategga heard their story and saw the beautiful shell, he felt sorry for them. He agreed to row them across the river in spite of the weather.



Ukategga umqhubi wesikhophhe wayesabophlela isikhophhe sakhe ngeIixa aba bathandanayo befika kuye. UTrevor wacela ukuba abakhwelise kwisikhophhe sakhe abawelise umlambo. Ukategga akazange avume, wabachazela ukuba isaqhwithi sele sikuftshane, ngoko kwakuzakuba yingozikakhulu ukuzama ukuwela.

...

kategga the boatman was mooring his boat when the young couple approached him. Trevor asked kategga to row them across the river. kategga refused to accept, explaining that a heavy storm was fast approaching, and it would be too dangerous.



Inkosazana u-Apenyo yothuka kakhulu ingazi ukuba iza kwenza njani. Wacinga, wacinga, wacinga u-Apenyo, waze wathi, "Andisokuze mna nditshate nenkosi u-Aludah, ixhego elibi elityebileyo. Unotshel Mandiye kuTrevor ndibone ukuba angenza ntoni, lisekhona ixesha." UTrevor wayelisoika likankosazana u-Apenyo.

...

Princess Apenyo was shocked and at first didn't know what to do. Then she thought, "I will never marry chief Aludah, that fat old man. Never! I must hurry to Trevor and see what he can do before it's too late." Trevor was princess Apenyo's boyfriend.



Ngobo busuku u-Apenyo wanyonyoba waphuma ebhotwe. Ukuba utata wake wayenokwazi ukuba uyaphi wayeza kucaphuka kakhulu. Wabaleka wadlula ehlathini elimnyama thsu, elishinyeneyo. Watsiba amatye nezihlahla de wayokufika kuTrevor wakhe. Wafika kwaTrevor ediniwe, elambile, futhi enxaniwe.

...

That night Apenyo crept out of the palace. If her father discovered where she was going he would be very angry. She ran through the thick, dark forest over rocks and shrubs, until she finally reached her Trevor. When she arrived at his house she was tired, hungry, and thirsty.



Ngelixa inkosazana u-Apenyo noTrevor bebaleka ukuya emlanjeni, kwaqalisa ukusibekela aze amafu amnyama asigquma isibhakabhaka. Kwakusiza isaqhwithi esikhulukazi.

...

As Princess Apenyo and Trevor hurried to the riverbank, dark clouds began gathering in the sky. A heavy storm was coming.



Emva ebhotwe, ikumkani ukayanja yayisele ibonile ukuba inkosazana u-Apenyo yayinyamalele. Wathumela abantu bakhe ukuba bayifune kuyo yonke indawo elalini.

Amphakathi ekumkani, amajoni kunye naye wonke umntu bacinga ngendawo awayenokuba uzifihle kuyo, kodwa abazange bamfumanane u-Apenyo. Babuyela emva beyokuxelela ikumkani ukuba akatumaneki ndawo u-Apenyo. "Hambani niyokukumfuna ehlathini!" wabhavumla ukumkani ukayanja. Wayenomsiindo ngeyona ndlela.

...

Back at the palace, king Kayanja had discovered Princess Apenyo's disappearance and ordered his subjects to search for her everywhere in the village. The king's guards, soldiers, and everyone else searched, but they couldn't find Princess Apenyo. They went back to the king and told him Apenyo was nowhere to be seen. "Then go to the bush and search," king Kayanja ordered. He was very annoyed.



"Sithandwa sam, kungani ukuba ubaleke umgama ongaka wedwa ezinzulwini zobusuku?" kwabuza uTrevor. Wamphathela amanzi okusele waze wamnika ithuba lokphumla. UTrevor wayengasakwazi ukulinda ngefixa u-Apenyo asaziphumzayo.

...

"My love, why have you run all this long distance alone and at such a time of night?" asked Trevor. He fetched drinking water for her and allowed her to rest. Trevor could not settle down while he waited for Apenyo to talk.



“Nkosazana yam endiyithandayo, ingaba yintoni ingxaki?” wabuza uTrevor. U-Apenyo waphefumlela phezulu kalusizi waze wathi, “Utata ufuna ukunditshatisa nenkosi u-Aludah, omkhulu. Kodwa andisoze nditshate indoda ekhohlakele ngolwahlobo. Trevor, ndifuna ukutshata nawe nokuba awunanto. Ndikulungele ukuhlupheka. Ndiyakuthanda.”

...

“My dear princess, what is the problem?” asked Trevor. Apenyo breathed heavily and said sadly, “My father wants to marry me off to chief Aludah the Great. But I can’t marry that horrible man. Trevor, I want to marry you even if you are poor. I am ready to suffer. I love you.”



“Kodwa nkosazana, andinanto endinokukulobola ngayo, uyazi nawe ukuba ndiyindoda ehlophekayo,” watsho uTrevor. U-Apenyo waphendula wathi, “Ndiyazi Trevor, kodwa ndifuna ukutshata wena kuphela.” Wacinga ixeshana u-Apenyo waze wathi, “Masiye kuKategga indoda yesikhephe asiwelise siye ngaphesheya komlambo. Ngale ndlela, singesaba, utata angaze aphinde asifumane.”

...

“But princess, I have nothing to pay as your bride price, you know I’m a poor boy.” cried Trevor. Apenyo replied, “I know, but it’s only you I can get married to.” She thought for a while and said, “Let’s go to Kategga the boat man to sail us to the other side of the river. That way we can escape and my father will never find us.”